Downloaded from Stanmorephysics.com

**IMIYALELO NENGCACISO**

Funda le miyalelo ngenyameko phambi kokuba uqalise ukuphendula imibuzo.

1. MUSA ukuzama ukufunda lonke iphepha lemibuzo. Yiya kwiphepha lesiqulatho elilandelayo uze uphawule amanani emibuzo esetwe kwiincwadi ozifundileyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo uze ukhethe leyo ufuna ukuyiphendula.

2. Eli phepha linamaCANDELO amaNE:

| | |
|---|---|
| ICANDELO A: Inoveli | (35) |
| ICANDELO B: Idrama | (35) |
| ICANDELO C: Amabali amafutshane | (35) |
| ICANDELO D: Isihobe | (35) |

3. Phendula imibuzo emiBINI kumacandelo amaBINI, ngolu hlobo:

   ICANDELO A: INOVELI
   Phendula umbuzo kwinoveli oyifundileyo.

   ICANDELO B: IDRAMA
   Phendula umbuzo kwidrama oyifundileyo.

   ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE
   Phendula imibuzo esetwe kumabali amafutshane omaBINI.

   ICANDELO D: ISIHOBE
   Phendula imibuzo esetwe kwimibongo yomiBINI.

   Sebenzisa itshekhlisti ukuzincedisa.

4. Landela imiyalelo esekuqaleni KWECANDELO NGALINYE ngononophelo.

5. Nombola iimpendulo zakho kanye ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

6. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

7. Sebenzisa imizuzu engama-75 KWICANDELO NGALINYE.

8. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

Downloaded from Stanmorephysics.com

## IPHEPHA LESIQULATHO

Eli phepha liza kukunceda ukwazi ukukhetha imibuzo ofuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

| INANI LOMBUZO | AMANQAKU | IPHEPHA |
|---|---|---|
| **ICANDELO A: INOVELI**<br>**Phendula NAWUPHI umbuzo OMNYE okwinoveli oyifundileyo.** | | |
| 1. *Kusa Kusihlwa* | 35 | 5 |
| 2. *Umqol' uphandle* | 35 | 8 |
| 3. *UMonwabisi* | 35 | 11 |
| **ICANDELO B: IDRAMA**<br>**Phendula NAWUPHI umbuzo OMNYE okwidrama oyifundileyo.** | | |
| 4. *Ndiyekeni* | 35 | 14 |
| 5. *Inzala YamaRhamba* | 35 | 18 |
| **ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE**<br>**Phendula YOMIBINI imibuzo esetwe kumabali amafutshane.** | | |
| 6.1 'Ikhikhizela laseDangwana' | 18 | 22 |
| 6.2 'Kanti andizenzanga' | 17 | 24 |
| **ICANDELO D: ISIHOBE**<br>**Phendula YOMIBINI imibuzo esetwe kwimibongo.** | | |
| 7.1 'Ubudala' | 18 | 26 |
| 7.2 'Imbongi' | 17 | 27 |

Downloaded from Stanmorephysics.com


**ITSHEKHLISTI**

**Qaphela: Phendula imibuzo emibini kumacandelo amaBINI.**
**Phawula (√) amacandelo owakhethileyo.**

| ICANDELO | IINOMBOLO ZEMIBUZO | INANI LEMIBUZO EPHENDU-LWAYO | PHAWULA (√) |
|---|---|---|---|
| A: Inoveli<br><br>(*Kusa Kusihlwa*)<br>(*Umqol' uphandle*)<br>*(UMonwabisi)* | 1–3 | 1 | |
| | | | |
| B: Idrama<br><br>(*Ndiyekeni*)<br>*(Inzala YamaRhamba)* | 4–5 | 1 | |
| | | | |
| C: Amabali amafutshane<br><br>('Ikhikhizela laseDangwana')<br>('Kanti andizenzanga') | 6.1 + 6.2 | 1 | |
| | | | |
| D: Isihobe<br><br>('Ubudala')<br>('Imbongi') | 7.1 + 7.2 | 1 | |

**QAPHELA:** Qinisekisa ukuba uphendule imibuzo kumaCandelo amaBINI kuphela.

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO A: INOVELI

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kwezi noveli zilandelayo:

- *Kusa Kusihlwa* nguKS Bongela
- *Umqol' uphandle* nguMAP Ngani
- *UMonwabisi* nguZA Japhta

Phendula NAWUPHI umbuzo OMNYE okwinoveli oyifundileyo.

**UMBUZO 1: *KUSA KUSIHLWA* – KS Bongela**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule noveli uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINi izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 1.1 noMBUZO 1.2.

1.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA A**

'Kowu! Ukuxoxa okanye ukubonisana nawe ngomcimbi kufana nje nokuzikhanda ngenyheke elityeni. Uthetha oku komntu ongqondo ithiwe lwale lilifu lobudenge. Udibanisa izinto ezingadibaniyo. **Into oyifunayo kukuba kwenzeke le nto uyicingayo nokuba ibheke ecaleni**, kuba kaloku weva ngoothoba-sikutyele ukuba indoda iyalawulwa. Umntu loo nto uyisebenzisa nalapho ingangeni ndawo.'

'He wethu Lungile, uzama ukundixelela ukuba andinangqondo, andibhadlanga, andiyazi into endiyithethayo? Xa unesidenge esindim uncekelele ntoni ukuhlala naso? Ewe kaloku ndisisidenge kuba bakhona ooNonkazimlo abakucebisayo ukuba musa ukubafuna abantu bakuthi ndawonye nam. Sekucacile ukuba andisengomfazi ekhaya apha. Sebekhona aba ubathembise ukuba andiseyonto kulo mzi. Kanti nichitha ixesha nje mfana kaNtsibande, andisoze ndiye ndawo. Ndingafana ndisesi sidla ubulongo, into engazi kwenzeka yona yile yokuba umane <u>ucetyiswa emacaleni</u> ufike sewuphefumlela phezulu, undibikela le nale emzini wam, Lungile. Mayicace into yokuba la mahlahla akho akucebisa into yokuba ulungiselele abantwana bakowenu kuphela ukuze aba bakuthi ungabahoyi. Kwaye futhi into yixoxe nam kuqala uyeke ukufika undinike imiyalelo ngathi ndiyintombi yakho.'

Iwagqibe la mazwi seyifutha le ntokazi ngathi lirhamba eli lichukunyiswe belilele. Ubunokuthi wakukhangela amehlo la ufike elongalonga, eyaluzela okwawenyushu.

1.1.1 Khankanya izinto zibe MBINI athi uLungile zenza kube nzima ukuxoxa noNomakhwezi. (2)

1.1.2 Xela ukuba bazalana njani uLungile noNomakhwezi. (1)

Downloaded from Stanmorephysics.com


1.1.3 Zeziphi ezi zinto athi uNomakhwezi uLungile uzama ukumxelela zona? (2)

1.1.4 Ungathi uvakalelwa njani uNomakhwezi ngezinto athi zenziwa nguLungile? Xhasa impendulo yakho ngolwazi olukwisicatshulwa. (2)

1.1.5 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli.

Kwinkcaza ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa kusetyenziswe (uzobo ngqo/uzobo mayana) ukuchaza isimo sikaNomakhwezi. (1)

1.1.6 Ithetha ukuthini ngoLungile intetho kaNomakhwezi ekrwelelwe umgca ngaphantsi? (2)

1.1.7 Kube nasiphumo sini kuMpumelelo ukubona abazali bakhe betshela emotweni de basweleke? (2)

1.1.8 Khankanya zibe MBINI izinto azenzileyo uNozililo ukuzama ukutshabalalisa usapho lwakwaNtsibande. (2)

1.1.9 Xela abe maBINI amagama abalinganiswa abadlala indima ephambili kule noveli. (2)

1.1.10 Nika umyalezo odluliswa kule noveli ngendlela asweleke ngayo uNozililo. (2)

**KUNYE**

1.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA B**

'Uyabona, Nomakhwezi, le nto uyenzayo iyakuhlaza yaye iza kuphelelisa ngokwenda. Ayenziwa le nto uyenzayo. Ungathini ukwenza ubutyobo obunje? Imoto le yabeLungu uyibulalela ntoni kuba lityala eli. Ungathini ukuwuchitha umzi wakho ngokwakho? Xa usenza le nto ujonge phi? Kunini ndithetha nawe? Kanti wawundisusa ekhaya ndizonwabele nje wawufuna ukuba ndize kubukela obu bundlavini? Yintoni ukwenza imikhuba elolu hlobo ngathi akufundiswanga? Indoda yinto ekhe iphathwe olu hlobo? Kanene njengokuba thina singendanga nje ilityala loo nto apha kuni kuba uthi umntu umcebisa nje abe yena ethe nta imixhadi aze athi akuba senkathazweni afune kwa aba bantu ebebagezela.'

'Wethu, dadobawo, wendile ungendanga, akunakuyinyamezela le nto yenziwa nguLungile.' Baye baxambulisana ithuba elide bephendulana umnyele uvuke mpela nakuYolisa. Ude woyisakala uNomakhwezi akubona kusithi thu iveni yamapolisa isiya emotweni. Amapolisa afike abhalabhala izinto zawo ejikeleza imoto. Akwaziwa ukuba uLungile wathini na kuwo kodwa wona athi ukugqiba kwawo ahamba.

Ukuphuma apho uYolisa uye kuLungile wafika nakuye wathetha phofu engangxoli koko emthuthuzela engxengxeza esithi makangazikhathazi kakhulu ngale nto yehlileyo. NoThamsanqa wongeza ngamazwi athambileyo watsho waziva umfo kaNtsibande esombuluka. Into angakhange ayenze kukuvula umlomo.

Downloaded from Stanmorephysics.com


1.2.1 Liqhubeka phi ibali ngokwakwesi sicatshulwa? (1)

1.2.2 Xela le nto ayenzileyo uNomakhwezi athi uYolisa iyamhlaza. (2)

1.2.3 Ngqina ngeengongoma eziMBINI ubunyani bala mazwi kaYolisa akrwelelwe umgca ngaphantsi. (2)

1.2.4 Yinyani okanye asiyonyani ukuba uNomakhwezi ufundile? Xhasa impendulo yakho ngolwazi olusencwadini. (2)

1.2.5 Xela injongo kaLizzie yokucela ukudanisa noMpumelelo kumdaniso wolutsha owawenzelwe uMpumelelo. (2)

1.2.6 Siwuphuhlisa njani umxholwana wokumela inyaniso esi sicatshulwa? (2)

1.2.7 Ngqina ngeengongoma eziMBINI ukuba uYolisa ube luncedo ebomini bukaMpumelelo. (2)

1.2.8 Cacisa indlela uMpumelelo awayiphuhlisa ngayo indawo yaseLusikisiki. (2)

1.2.9 Ncoma okanye ugxeke isiphelo sale noveli, unike nesizathu sempendulo yakho. (2)
**[35]**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**UMBUZO 2: *UMQOL' UPHANDLE* – MAP Ngani**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule noveli uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINi izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 2.1 noMBUZO 2.2.

2.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA C**

Ucinge ngeevolovolo ezimbini awayenazo ezingxoweni. Yayile wayeyifumene kwekaLinda ingxowa, ikho neyakhe awayesuka nayo ekhaya.

'Ndifuna umnxeba qha kuphela. Andikho kuyo yonke le nto ukuyo wena,' unge uyanyanzelisa ukuthetha ngoku uHlobo.

'Nguwo lowo emva kwakho ke,' utsho lo mfana esalatha kwitafilana eyayithe khotsho kwingxingwana emnyama kwigumbi lokuhlala.

Wonde ngayo okaHlobo, engawasusi amehlo kulo mfana. Wondela umfana. Wee xhungu uHlobo, wee xhungu nomfana … Waphinda wahamba uHlobo, walandela nomfana … Wee xhungu kwakhona uHlobo, wee xhungu naye umfana.

'Wandilandela, yintoni?' ubuze selejalile naye ngoku uHlobo.

'Asiyonto. Sebenzisa nango umnxeba phambi kwakho, kudala undifundekele ngawo.'

'Kwedini!'

'Uzuthiy' inja yakho, bawo.'

'Uyabona ke mfana, uzungakhe ulinge ukwenza into eya kukuxaka phakathi; ndiyakulumkisa … Beka loo ntsimbi phantsi.'

**Umthe ntsho ngaloo mehlo mabi umfana,** engashukumi.

'Ndithi kuwe beka loo ntsimbi phantsi. Ndiyaqqibelisa ke ukuthetha nawe!'

Uvove kancinci umfana, noHlobo wacinga ukuba uthobela loo myalelo wakhe. Kanti akavumisanga. Uthe esothuka, yabe intsimbi seyisiza ngqo ebusweni kuye. Uthe ephepha, yabe seyingene-hele ebunzi! Yamtsho wee folokohlo kuloo ngxingwa yetafile, saa! ukuwa izinto ezazilapho. Ungekakuva ukugqejwa ngentsimbi yokuvusa amathayala eemoto, akukayiva into ebuhlungu, buza kuHlobo.

2.1.1 Khankanya babe BABINI abantu bezi volovolo kuthethwa ngazo. (2)

2.1.2 Xela ukuba yintoni edibanisa uLinda nalo mfana kuthethwa ngaye kwisicatshulwa. (1)

2.1.3 Yeyiphi le nto ibangele ukuba uHlobo ajale? (2)

2.1.4 Ungathi lo mfana kuthethwa ngaye kwisicatshulwa uvakalelwa njani ngobukho bukaHlobo apha kwaLinda? Xhasa impendulo yakho ngolwazi olukwisicatshulwa. (2)

2.1.5 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli.

Kwinkcaza ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa kusetyenziswe (uzobo ngqo/uzobo mayana) ukuchaza isimo somfana ekuthethwa ngaye. (1)

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha 

Downloaded from Stanmorephysics.com


2.1.6 Ithetha ukuthini intetho kaHlobo ekrwelelwe umgca ngaphantsi? (2)

2.1.7 Ibe nasiphumo sini ingxoxo kaThembisa Ntlokonkulu noHlobo mhla uThembisa wayetyelele kwisikhululo samapolisa? (2)

2.1.8 Khankanya zibe MBINI izinto ezibangele ukuba uLinda atyholwe ngokubulala uEddie Maga noLulama Zuma. (2)

2.1.9 Xela abe maBINI amagama abalinganiswa abadlala indima ephambili kule noveli. (2)

2.1.10 Nika umyalezo odluliswa kule noveli ngokubanjwa nokugwetywa kwamalungu ase*Moonglow Night Club.* (2)

**KUNYE**

2.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA D**

Intsasa yayibanda, izulu lithe gqume ziingqimba zamafu amhlophe, kukho umoyana ombi ohlabayo. Phofu lalikho ilitha lelanga elingqunga ngaphaya kwamafu, lizungula ithuba lokutyhoboza.

Inkundla yamatyala eMantyi yaseMonti yayilambatha abaphulaphuli ngaloo ntsasa kuba yayingesosiqhelo ukuba amatyala aqale ngentsimbi yethoba isekhona eyeshumi. Kodwa naako ke.

Emkhumbini yayiyiloo nzwakazi yakwaMonti egama linguLinda. Yayingagaxele yayisus' amaphepha, isisicicibala phantsi kwe*winter costume* emvubo-mazimba, ichophise ngezihlangu ezineengcangula zezithende neempumlo ezingathi ziloliwe.

Yayingenakuyiva loo ngqele phantsi kwemfumamfuma yebhatyi eyayiyinyule kwa*Femina House.* Loo bhatyi yileyo yothusa okaHlobo ekungeneni kwakhe enkundleni. Yaba sisimanga kuye into yokuba loo ntokazi ibe nesibindi sokunxiba loo bhatyi ngaloo mhla nasezintsukwini.

Sasilapho isixhiphothi sesajini yakwaNgqondi, elungisa amaphetshana okutshutshisa. Ecaleni kwakhe yayinguHlobo, esenza amabhunga angaphele ndawo nokaNgqondi lowo. Yena uKhumalo, igatyana lomfana negqwetha elaziwayo eMonti, wayezihlelele ethe cwaka kwitafilana yakhe eyodwa, emana ukuphulula imiqulu yeencwadi eyayiphambi kwakhe, eqoba iliso futhifuthi, encumelana nenzwakazi esemkhumbini. Wayemnye kuphela okhoyo kwizihlalo zabaphulaphuli-inguDuma Hlelo, isicaka esithembekileyo sikaLinda.

Ude wangena umhlekazi, imantyi, ithe wambu umnweba wayo omnyama, ihamba netoliki yayo. Indlu inike imbeko ngokuphakama. Kudluliselwene amaphepha yimantyi nomtshutshisi.

2.2.1 Liqhubeka phi ibali ngokwakwesi sicatshulwa? (1)

Downloaded from Stanmorephysics.com


2.2.2 Xela isizathu sokuba inkundla ilambathe ngexesha lokuxoxwa kweli tyala. (2)

2.2.3 Ngqina ngeengongoma eziMBINI ubunyani bokuba uLinda wayenento angayaziyo malunga nale bhatyi wayeyinxibe enkundleni. (2)

2.2.4 Yinyani okanye asiyonyani ukuba uLinda noEddie babetshatile? Xhasa impendulo yakho ngolwazi olusencwadini. (2)

2.2.5 Xela injongo yokumiswa kwetyala lokufa kukaEddie noLulama sele ifikile iJaji. (2)

2.2.6 Siwuphuhlisa njani umxholwana wobuhlobo obunganyanisekanga isenzo sokubulawa kukaEddie ngamalungu ase*Moonglow*? (2)

2.2.7 Ngqina ngeengongoma eziMBINI ukuba umyolelo kaEddie Maga ube luncedo kuphando lukaHlobo. (2)

2.2.8 Cacisa indlela amalungu ombutho wase*Moonglow* awusebenzise ngayo lo mbutho ukufihla izenzo zawo ezibi. (2)

2.2.9 Ncoma okanye ugxeke isiphelo sale noveli, unike nesizathu sempendulo yakho. (2)
**[35]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 3:** ***UMONWABISI*** **– ZA Japhta**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule noveli uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINi izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 3.1 noMBUZO 3.2

3.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA E**

Wasuka waphelelwa ngamandla unina akazi neyona nto makayenze xa kunjalo. Intombi yakhe ayizange ifune ukuba baye kuyicelela uxolo esikolweni, yala futhi naxa athi mabaye kuyicelela indawo apho eNgcolosi ukuze ikwazi ukubhala iimviwo loo nyaka ungahambi nje.

Yena uThandabantu wabuyela kuloo meko injalo kwakhe, yonke into awayeyisebenzele yayonakele kungekho ilungayo. Ngaphezulu kwezo sele zikhankanyiwe izinto ezathi zakhathaza umphefumlo wakhe, amantombazana akhe amphoxa ngendlela aziphatha ngayo kuloo Mthatha ayefunda kuwo. Zonke ezi zinto zonakala ngexesha uRhadebe esengusihlalo wombutho woosomashishini, ngoko ke engekho ngokwekhaya ithuba elininzi, kushiyeke inkosikazi yakhe **njengomntu omdala**. Ngoko ke kwakulindelekile ukuba ityala alibeke emagxeni kaMamTolo, ukuze ke abe usola yena ingakumbi ngokwenzeka kumashishini nangendlela awayeziphatha ngayo amantombazana abo. Kodwa yena uHlubi akazange enze ngolo hlobo. Wazimisela ukuba uza kuzama ukumbonisa impazamo yakhe unkosikazi wakhe ngolunye uhlobo. Waqonda ukuba iyantlukwano ngokucinga ngakubantwana babo ingabangela ukuba bona njengabazali babo baxabane, into enokubangela ukuchitheka kwelo khaya lakhe. Waqonda uRhadebe ukuba akukho nto yahlula ikhaya njengeengqondo ezahlukeneyo ngokucinga ngosapho kubazali. Abantwana zizilumkwana apha ezithi zikhawuleze ukuqaphela ukuba <u>izandla zabazali babo azifani ngakubo</u> …

3.1.1 Khankanya zibe MBINI izinto eyayingazange ifune ukuba zenziwe intombi kaMamTolo. (2)

3.1.2 Xela ukuba bazalana njani uNobuntu noMamTolo? (1)

3.1.3 Yeyiphi into eyabangela ukuba namashishini kaThandabantu abe kule meko yokonakala kuthethwa ngayo? (2)

3.1.4 Ungathi wayevakalelwa njani uThandabantu ngemeko yamantombazana akhe? Xhasa impendulo yakho ngolwazi olukwisicatshulwa. (2)

3.1.5 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli.

Kwinkcaza ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa kusetyenziswe (uzobo ngqo/uzobo mayana) ukuchaza uMamTolo. (1)

Downloaded from Stanmorephysics.com

3.1.6 Ithetha ukuthini ngabazali inkcaza ekrwelelwe umgca ngaphantsi? (2)

3.1.7 Kube nasiphumo sini kuHlubikazi ukudibana kwakhe nabahlobo abatsha abaselayo esinaleni? (2)

3.1.8 Khankanya zibe MBINI izinto ezenziwe nguThandabantu ukuphuhlisa uluntu lwaseNtshiqo. (2)

3.1.9 Xela abe maBINI amagama abalinganiswa abadlala indima ephambili kule noveli. (2)

3.1.10 Nika umyalezo odluliswa kule noveli ngokuphoxwa kukaMamTolo zizenzo zeentombi zakhe. (2)

**KUNYE**

3.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA F**

'E-e, sesibulisene kanene Monwabisi.' Uvumile naye uMonwabisi, waqhuba noDlangamandla. 'Lo umbonayo ke Monwabisi mntwana wam nguMnumzana Zangone, ngokomsebenzi uligqwetha lomthetho phaya eMthatha. Unokuba akuqali ukumbona kuba uqhelile ukuya phaya ekhaya. Uze ke apha ngokucelwa nguTata ngokunxulumene nela cebo ubusixelele ngalo. Mna ke andizi kuthetha kakhulu ndiza kunikezela kuye ibe nguye othetha nawe kuba kakade nguye ozaziyo ezi zinto.'

'Molo Monwabisi mfana wam.'
'Molo bhuti.'

'Mna njengoko sele uvile ndinguSamkelo Zangone, ungandibiza njengo 'Bra Sam' kuba sisaza kuphinda sidibane siqalile nje. Noko ndithi ndakukujonga sele uyindoda. Sele wolukile akunjalo?'

'Ewe kunjalo 'Bra Sam'.'

'O, ndiyavuya ke xa kunjalo kuba ezi ndaba ndikuphathele zona zifuna indoda ecingayo, hayi umntwana osathabatheka ziziyolo ezijike zingamsi ndawo. Hayi ungabi naxhala wena azimbanga ezi ndaba zam koko ndifuna kaloku ukuqiniseka ukuba uzilungele na okanye hayi, phofu ndivile ukuba ukuthwala uxanduva njengomntu osele emdala yinto oyiqhelileyo. Ngoko ke owam umsebenzi awuzukuba nzima konke.' Ukhe wathula uMnu. Zangone wakhupha amaphepha kwisingxobo esasisecaleni kwakhe, akukhova wabuyela kuMonwabisi.

'Monwabisi, kuphi kokwenu?' Wothuka uMonwabisi ngulo mbuzo ungaqhelekanga wakhe wajonga kuThandabantu noMamTolo ngokunga ucela bamphendulele.

3.2.1 Liqhubeka phi ibali ngokwakwesi sicatshulwa? (1)

Downloaded from Stanmorephysics.com


3.2.2 Xela eli cebo athi uMamTolo bebelinikwe nguMonwabisi. (2)

3.2.3 Ngqina ngeengongoma eziMBINI ubunyani bala mazwi kaZangone akrwelelwe umgca ngaphantsi. (2)

3.2.4 Yinyani okanye asiyonyani ukuba uMonwabisi ngumntwana kaMamTolo? Xhasa impendulo yakho ngolwazi olusencwadini. (2)

3.2.5 Xela injongo kaZangone yokuyala uMonwabisi phambi kokuba amsayinise amaphepha okunikezela kuye amashishini kaThandabantu. (2)

3.2.6 Siwuphuhlisa njani umxholwana wokuthatha uxanduva ebomini esi sicatshulwa? (2)

3.2.7 Ngqina ngeengongoma eziMBINI ukuba uThandabantu ebe luncedo kwisikolo saseNtshiqo. (2)

3.2.8 Cacisa indlela uThandabantu awuphuhlise ngayo umbutho woosomashishini abaNtsundu. (2)

3.2.9 Ncoma okanye ugxeke isiphelo sale noveli, unike nesizathu sempendulo yakho. (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 35**

Downloaded from Stanmorephysics.com


## ICANDELO B: IDRAMA

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kwezi drama zilandelayo:

- Ndiyekeni nguDM Jongilanga
- Inzala YamaRhamba nguM Mlokoti

Phendula NAWUPHI umbuzo OMNYE okwidrama oyifundileyo.

### UMBUZO 4: *NDIYEKENI* – DM Jongilanga

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule drama uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo ziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 4.1 noMBUZO 4.2

4.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA G**

*(Intlanganiso yekomiti yesikolo idibene kuxoxwa ngoLoni Mawonga ekho onke amalungu.)*

MADALA: **Malungu ekomiti ivuliwe intlanganiso. Kambe ke umcimbi esingawo apha seniwazi, waziwa nini nangaphezu kwam. KuMvulo ophelileyo sabizelwa esikolweni ngabahloli, apho safika utitshala lo wethu mkhulu egula, eguliswa zezeli lizwe. Umcimbi lo ayisengowenu, ngokaRhulumente nabahloli. Ke …**

NKOSK. ZINZO: Ke sibizelweni na ke xa kunjalo?

MADALA: Ke, nibizelwe ukuba naziswe okokuba kukho into enje, nicebise ukuba ninakho. Ndimi.
(*Ahlale*)

MAVUSO: Sihlalo, akusekho kuthundeza bhityo namhlanje. Lo mfana waziwa nanguthathatha ukuba ulala apho ahlwelwe khona echolwa nasezitalatweni.

JEKWA: Namhlanje ninkqenkqeza phambili okwefolosi. Kubaswe phi, kubase bani?

MADALA: Zinkosi yekani izagwelo, nangu umcimbi. Nikubonile ukutshila kwentambanane, nikubonile ukudubula kwenkanga, senibona ngoku ukutha kwayo.

LAMLA: Siyaxakwa thina mayilo xa kunje.

ZINZO: Sivile mhlalingaphambili, sisacinga indlela yokunqanda inkanga ingethi ide itshe pam.

MAVUSO: Kanene inimba inamaqhinga? Nanitheni mhla ngoNdila senifuna-funa indledlana nje? Makahambe naye.

JEKWA: Mna ndiphakamisa okokuba acetyiswe lo mfana okokuba arhoxe emsebenzini ngoku.

LAMLA: Ndiyasekela, liyinyaniso elo (*Avumelane amalungu*).

MADALA: Ndihlala ndinixelela mihla le ukuba sikwixesha esingalaziyo, laziwa ngabaninilo kuphela. Ukugweba ngophondo mihla le akusisi ndawo, kungekho nonokugxeka omnye nomnye irhawu lidla umzi.

Downloaded from Stanmorephysics.com


4.1.1 Nika ngeengongoma eziMBINI ulwazi olufumaneka kwizalathisi zaseqongeni. (2)

4.1.2 Xela ukuba yintoni edibanisa uMadala naba balinganiswa bakwisicatshulwa. (1)

4.1.3 Ngowuphi lo mcimbi athetha ngawo uMadala kwintetho yakhe ebhalwe ngqindilili? (2)

4.1.4 Ungathi uvakalelwa njani uNkoskz. Zinzo ngeengxoxo zale ntlanganiso? Xhasa impendulo yakho ngolwazi olukwisicatshulwa. (2)

4.1.5 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli.

Kwintetho kaMavuso ethi, '... ulala apho ahlwelwe khona …' kusetyenziswe (uzobo ngqo/uzobo mayana) ukuchaza isimo sikaMawonga. (1)

4.1.6 Cacisa ukuba ithetha ukuthini le ntetho kaJekwa ikrwelelwe umgca ngaphantsi. (2)

4.1.7 Kube nasiphumo sini kuFuneka noZanele ukuzibandakanya kwabo kwiyelenqe lempindezelo kaNdila kuMawonga? (2)

4.1.8 Khankanya zibe MBINI izinto awazenzayo uNdila ukuze agxothwe esikolweni saseNobutho. (2)

4.1.9 Xela abe maBINI amagama abalinganiswa abadlala indima ephambili kule drama. (2)

4.1.10 Nika umyalezo odluliswa kule drama ngokusweleka kukaMawonga. (2)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com


4.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA H**

| | |
|---|---|
| MAWONGA: | What? Uqhele ukubancuva, ubancuve ubalahle. Vula (*abethe ucango ngamandla.)* |
| FUNEKA: | Uyakomela apho. |
| ZANELE: | Mawonga, uhlawula irente apha? Siza kungalali ngenxa yakho? Uyaqala ukwaliwa? |
| MAWONGA: | Ungena phi wena? Zanele, Vula (*Cwaka)* Akulalwa, tu, Imali ya-a-m! Enga-a-ka? Vul-u-ula Zanele. (*Cwaka)* |
| | (*Ukhwaze watsha ilizwi wadumba inqindi kukubetha ucango wancama wagoduka emdaka enjalo.)* |
| | *(Wagoduka akugxothwa uMawonga kwaFuneka. Kwakusa wazivalela intsasa yonke, emalanga waya edolophini wabuya wazivalela egumbini lakhe. Wavakala ethetha ngorhatya.)* |
| MAWONGA: | **Ubomi yintonga yobhedu ekhwela emthini ngamanqanam. Ukuba iphose lalinye ityibilika iye kuwa ezantsi. Umntu akagqitywa ungasiboni isithunzi sakhe nemizila yeenyawo zakhe. Bendisoloko ndisithi ndonakele kanti ndonakalisiwe. Inene, inene, inene-inene ukuba ooNdila aba bacinga ukuba ndisisisulu senkunzi yentwala yona yoyiswa luzipho, bohlangana nenyoka iphunga umhluzi. Imali yabantwana bam!** (*Watsho ubuso buthe nkwa ejonge ngokungathi amehlo akanankophe)* Engaka yona? ......................................................................... |
| FUNEKA: | O! (*ezamla)* Zanele khawenze ikofu wethu. |
| ZANELE: | Yi bethu! Ikofu ebusuku apha? |
| NDILA: | Look girls, get us something cool from the frigerator. |
| FUNEKA: | Ufuna ukulandela umhlobo wakho uMawonga? |
| NDILA: | Akusekho mntu apho? |
| ZANELE: | Shame! Fanukuba unkqonkqoze ubusuku bonke namhlanje. |
| FUNEKA: | Unani engahlali endlwini yakhe nje. Asinaxesha leentaka ezithi zindala nje zibe zifuna umfunzelo. |
| NDILA: | Niyawona ke lo msitho woloyiso ... |

4.2.1 Bathetha bephi uFuneka, uZanele noNdila? (1)

4.2.2 Xela le nto ayenzileyo uZanele athi uMawonga kukumncuva. (2)

4.2.3 Ngqina ngeengongoma eziMBINI ubunyani bokuba uMawonga ulahlekelwe yimali eninzi kubudlelwane bakhe noZanele. (2)

4.2.4 Yinyani okanye asiyonyani ukuba uMaziko ungumphembi wempixano ephakathi kukaMawonga noNdila? Xhasa impendulo yakho ngolwazi olusencwadini. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com


4.2.5 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli.

Intetho kaMawonga ebhalwe ngqindilili iluhlobo lwentetho (yomlinganiswa omnye/yomlinganiswa oyedwa) kuba ngoku athethayo (bakhona abanye/abekho abanye) abalinganiswa. (2)

4.2.6 Iwuphuhlisa njani umxholwana wothando olunganyanisekanga le ngxoxo ikwesi sicatshulwa? (2)

4.2.7 Ngqina ngeengongoma eziMBINI ukuba uThandiwe ungumfazi onyanisekileyo kuMawonga. (2)

4.2.8 Cacisa indlela alusebenzise ngayo uNdila uthando lwakhe noFuneka ukufezekisa iinjongo zakhe zokutshabalalisa uMawonga. (2)

4.2.9 Ncoma okanye ugxeke isiphelo sale drama, unike nesizathu sempendulo yakho. (2)

**[35]**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**UMBUZO 5: *INZALA YAMARHAMBA*– M Mlokoti**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule drama uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 5.1 noMBUZO 5.2.

5.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA I**

**(*KungoLwesine ezintsukwini. Kusegumbini leendwendwe kwaThambolenyoka, kuhleli uNoyongo, Nomhase, Nozigoci, Nozici noKuku.)***

……………………..

NOYONGO: Hhe wethu kanitsho bafazi, nahamba njani eCala?

NOMHASE: Hayi ntombi iyakhula idolophu. Loo nto uyanyakazela umsebenzi. Ndibambise zinje (*Ebabonisa isithathu seminwe*). Sipha kwakhona kule mpelaveki izayo.

NOYONGO: Wena Kukza? Kutheni wee cwaka ntombi, kwenze njani?

KUKU: Hayi wethu, akufani. Noko kuyazameka. Khawutsho, wahamba njani wena nalaa mntwana?

NOYONGO: Hey, wafika umntwana egevezela amadolo endoda, waphatha eyeka ntanga. Kwaphantse kwachitheka izishebo nkazana.

NOMHASE: Kowu! Ndiyamazi, angathi abenjalo utyhefekile.

KUKU: Watyhefeka kudala kaloku lowa. Eso singcoli eso.

NOMHASE: Ngahle sele emfunela kuye njengokuba selekuchitheka izishebo nje.

NOYONGO: Uthi ngahle umfuna egageni kakade. Ndaqonda ukuba yho andizomyeka okwam, ndayifuna apha imali yamafutha kwangoko.

NOMHASE: Aah! Akuthambise izandla mfazi.

NOYONGO: Ndiyakuxelela! Uthe esenza obuya bumene-mene bakhe, endanga ndamtyhilizela kude kum. Yhini le! Ndidinga indoda kakade? Ndize kuphangela apha andizanga kudlala.

BONKE: (*Hahahahaha … hahahahaha! ... .*)

NOYONGO: Uthi umfuna apha laa mntwana ngomso. Ndiqinisekile niyayazi bafazi nonke into eza kulandela. Sonke sisuka pha.

KUKU: Kowu! Lilonyo-lonyo lelwabi lendoda eliya. Kodwa! Useza kumhlabela u-elandincamisayo ngenye imini.

NOMHASE: Kowu! Uza kumxhaphaza umntwana womntu. Emyobe ngalaa tyhefu yakhe.

NOYONGO: Yinyoka yantlandlolo leya ndiyakuxelela.

KUKU: Yona yodwa, ela bixibixi lenkunzi yexoxo.

5.1.1 Nika ngeengongoma eziMBINI ulwazi olufumaneka kwizalathisi zaseqongeni ezibhalwe ngqindilili. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com


5.1.2 Xela ukuba yintoni edibanisa uThambolenyoka naba balinganiswa bakwisicatshulwa. (1)

5.1.3 Loluphi olu hambo bathetha ngalo ooNoyongo? (2)

5.1.4 Ungathi uvakalelwa njani uKuku ngoThambolenyoka? Xhasa impendulo yakho ngolwazi olukwisicatshulwa. (2)

5.1.5 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli.

Kwintetho kaKuku ethi, 'Eso singcoli eso.' kusetyenziswe (uzobo ngqo/uzobo mayana) ukuchaza isimo sikaThambolenyoka. (1)

5.1.6 Cacisa ukuba ithetha ukuthini le ntetho kaNoyongo ikrwelelwe umgca ngaphantsi. (2)

5.1.7 Kube nasiphumo sini kuDina ukutyiswa kwakhe iziyobisi kwaThambolenyoka? (2)

5.1.8 Khankanya imisebenzi ibe miBINI awathi uNoyongo uqeshelwe yona uDina xa wayefika kwaThambolenyoka. (2)

5.1.9 Xela abe maBINI amagama abalinganiswa abadlala indima ephambili kule drama. (2)

5.1.10 Nika umyalezo odluliswa kule drama ngokugwetywa kukaThambolenyoka. (2)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com


5.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA J**

(*KukwaNcaphayi egumbini lokuhlala. Ngaphakathi nguNcaphayi noMatshezi.)*

MATSHEZI: Eeh, tata. Makhe ndikucele Tolo, makhe ndikucele tata, imizuzwana nje Dlangamandla.

NCAPHAYI: (*Korho, Korho, ekhohlela*). Ndiphulaphule nkosikazi.

MATSHEZI: Noko tata selilide ithuba ngoku, elapha ekhayeni lo mntwana. Ibe uyazisola kakhulu tata ngako konke akwenzileyo. Ke ngoku ufuna ukucela uxolo kuwe. Kodwa uyakoyika tata.

NCAPHAYI: Owu … uyandoyika? Uthi undoyika ntoni xa nithetha?

MATSHEZI: Wowu! Tata. Ibuhlungu intliziyo yalaa mntwana, wenzakele Tolo, <u>Uhlukumezekile, ubone kakubi gqitha</u> tata. Kodwa okonwabi-sayo kukubona ukuba uguqukile tata. Akasenguye konke laa Dina wayeyinkomo enotshobo uyaziyo. Ufundile kwiimposiso zakhe yaye udanile.

NCAPHAYI: Ndiyabuza kaloku MaTshezi, uthi kuwe undoyika ntoni ndinguyise wakhe nje?

MATSHEZI: Hayi, asikuko nokuba ukoyika kuba ungengoyise tata.

-------------------------------

MATSHEZI: Eeh Dina mntwan'am, ndithethile notata sisi, akanangxaki, kodwa uthi ufuna ukuva kuwe sisi, uthethe notata ngokwakho. Ukhululeke nje wena sisi, akukho nto mntwan'am.
Kulungile, enkosi mama. (ejika abhekisa kuyise).

DINA: **Tata, konke endikwenzileyo ndikucelela uxolo kuwe Tolo. Ndandicinga ukuba ndiyazi tata. Ndandicinga ukuba ndiyazi Tolo. Ndingafuni kuphulaphula, ndilandela intliziyo, bundibizile ubomi. Akhange ndibe ngumzekelo nokhuthazo kubantakwethu. Isidima seli khaya ndasisingela phantsi tata, ndawenza intlekisa nesigculelo lo mzi. Ndandicinga ukuba ndiyazi tata. Ndandicinga ukuba ndiyazi.**

5.2.1 Liqhubeka phi ibali ngokwakwesi sicatshulwa? (1)

5.2.2 Xela le nto uDina ayenzileyo athi uMaTshezi uyazisola ngayo. (2)

5.2.3 Ngqina ngeengongoma eziMBINI ubunyani bala mazwi kaMaTshezi akrwelelwe umgca ngaphantsi. (2)

5.2.4 Yinyani okanye asiyonyani ukuba uDina unabantwana ababini bakaThambolenyoka? Xhasa impendulo yakho ngolwazi olusencwadini. (2)

5.2.5 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zikwizibiyeli.

Le ntetho kaDina ibhalwe ngqindilili iluhlobo lwentetho (yomlinganiswa omnye/yomlinganiswa oyedwa) kuba ngoku athethayo (bakhona abanye/abekho abanye) abalinganiswa. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

5.2.6 Iwuphuhlisa njani umxholwana wothando lobuzali le ngxoxo ikwesi sicatshulwa? (2)

5.2.7 Ngqina ngeengongoma eziMBINI ukuba amagqwetha kaThambolenyoka ngawo ebesenza kungabilula ukuba amapolisa ambambe de agwetywe ngezenzo zakhe ezibi. (2)

5.2.8 Cacisa indlela alisebenzise ngayo uThambolenyoka ishishini lakhe lehotele ukufihla izenzo zakhe ezibi. (2)

5.2.9 Ncoma okanye ugxeke isiphelo sale drama, unike nesizathu sempendulo yakho. (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE**

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kula mabali mafutshane alandelayo:

- 'Ikhikhizela laseDangwana' nguLL Ngewu
- 'Kanti andizenzanga' nguEZ Guqa

Phendula YONKE imibuzo esetwe kumabali amafutshane owafundileyo.

**UMBUZO 6**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kumabali amaBINI uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINi izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 6.1 noMBUZO 6.2.

6.1 **'IKHIKHIZELA LASEDANGWANA' – LL Ngewu**

Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA K**

UFanabekho akaphulaphulanga nanye kwizinto azixelelwe ngunina. Ubevuka qho njengesiqhelo aqhawule ukutshon' edolophini, abuye eqhuba amatakane. Ubukho bakhe uFanabekho bebufana nokungabikho kwakhe. Le meko uMaKheswa uyijonge wayijonga wabon' ukuba zange azale tu kule nkewu. Akukho nto ube luncedo ngayo ekhayeni lakhe, elalini yakhe, edolophini yakhe, nakwisiqu sakhe. Into ebebaluleke ngayo umfo kaFikizolo kukufaneleka kwakhe. Ebenxiba kakuhle athi chu ukuya edolophini, ethethela phantsi okwenene lamanene. Umntu odibene naye ebengalibali edibene nomntu kwaba bantu banqongophele kangaka. Enye yezinto ebengahlukani nazo liphepha-ndaba apha i-'*Daily Dispatch*'. **Umntu omphandayo ukuba wenzani kanye ebengalibazisi athi uyi-*pharmacist* evunyiweyo.**

Unina uMaKheswa uhambe wahamba wadinwa kukondla ahlambele umququ nje olindele ukuphetshethwa ngumoya. Bezikhe ziqengqeleke iintsuku uFanabekho engabonakali ekhaya, abuye nje xa eze kutshintsha impahla. Ngenye imini ubuyile wacela into etyiwayo kunina koko umhlolokazi akazihluphanga uphendule ngelipholileyo wathi, 'Ukuba ubuyinja yalapha ekhaya bendiza kuqukeza ndikwenzele ukudla kuba bendiza kuqiniseka ukuba ubuyile nje uza kukha ukhonkothe ube nesidima umzi kaMbongo. Akukho nto indikhathaza nje ngale yokuba ukho, <u>uthi kanti ukho nje kanti awukho</u>. Ndixakiwe ke kuba uyihlo wayengenje ngawe lo, ukuba wayenje ngawe lo ngendizixolisa ngelithi ikhikhizela liphum' esiqwini.'

6.1.1 Khankanya izinto zibe MBINI ebevuka azenze uFanabekho. (2)

6.1.2 Xela ukuba bazalana njani uFanabekho noFikizolo? (1)

Downloaded from Stanmorephysics.com


6.1.3 Caphula ulwazi olukwisicatshulwa olungqina ukuba uFanabekho akukho ndawo ebeluncedo kuyo. (2)

6.1.4 Ungathi uvakalelwa njani uMakheswa ngokungabikho ntweni kukaFanabekho? Xhasa impendulo yakho ngolwazi olukwisicatshulwa. (2)

6.1.5 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli.

Kwinkcaza ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa kusetyenziswe (uzobo ngqo/uzobo mayana) ukuchaza isimo sikaFanabekho. (1)

6.1.6 Ithetha ukuthini intetho kaMaKheswa ekrwelelwe umgca ngaphantsi? (2)

6.1.7 Kube nasiphumo sini kuFanabekho ukuyeka isikolo atshiphe eTinarha? (2)

6.1.8 Khankanya zibe MBINI izinto athi uFanabekho zamehlela eTinarha. (2)

6.1.9 Xela amagama abe maBINI abalinganiswa abadlala indima ephambili kweli bali. (2)

6.1.10 Nika umyalezo odluliswa kweli bali ngesimo sikaFanabekho esibonakalisa ukuba akamfuzanga uyise ngaso. (2)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com


6.2 **'KANTI ANDIZENZANGA' – EZ Guqa**

Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA L**

Ngobo busuku walila uMaDam ebuza ukuba uSomandla umlinga ngantoni na. Kuse ngengomso evukela kwamfundisi ukuya kubika olu daba. Ufike waluphalaza lo mfazi udaba aze ngalo iphulaphule le nqeberhu ingaphungu-phunguzi. Apho agqibe khona ukukhupha imbilini yakhe uMaDosini, ucele uxolo umfundisi wakhe waphuma kule ndlu. Ubuye ephethe iBhayibhile wayityhila engathethi nto. Uthe akusifumana isicatshulwa ebesikhangela wenjenje, 'Mama, ndiyayiva intlungu yakho. Kulo mcimbi uze ngawo inye into eza kusigweba yiBhayibhile le. Mamela ke ndikuvise okuthethwa yiBhayibhile ngalo mcimbi.'

Usifundile umfundisi isicatshulwa siside sinjalo waza kufikelela kumazwi athi, 'Ngenxa yoko, uThixo wabanikela ekuthabathekeni okulihlazo; kuba namankazana abo umsebenzi wasemvelweni awananisela okunxamnye nemvelo; kwaza kwangokunjalo ke namadoda, awushiya umsebenzi wenkazana wasemvelweni, avutha ngokukhanukana kwawo, amadoda esenza kumadoda okuziintloni, ezamkelela umbuyekezo wokulahleka kwawo, abemelwe ke nguwo.'

Uyivalile umthanjiswa iBhayibhile waguqukela kuMaDosini esithi, 'Le ncwadi ibhekisa njalo ke kulo mcimbi uwuhambeleyo.'
'Mfundisi, mna ndifuna ukuqonda ukuba wena uthini kanye kulo mcimbi.'
'Hayi nam ndizibandakanya nesigqibo senkundla.'
'Ngamany' amazwi nawe baw' umfundisi uyamgweba unyana wam?'
'Hayi Dosini akagwetywa ndim. Ugwetywa yibhayibhile.'
'Ke ngoko bawo abantu abanje bafanel' ukulahlwa?'

6.2.1 Liqhubeka phi ibali ngokwakwesi sicatshulwa? (1)

6.2.2 Xela le nto athi uMaDam ulingwa ngayo nguSomandla. (2)

6.2.3 Ngqina ngeengongoma eziMBINI ubunyani bokuba abazali basesiKhobeni babengamamkelanga uMntuyedwa. (2)

6.2.4 Yinyani okanye asiyonyani ukuba uMaDosini ebenethemba lokuba umfundisi uza kumbonisa indlela yokukhupha unyana wakhe engxakini? Xhasa impendulo yakho ngolwazi olusencwadini. (2)

6.2.5 Xela injongo yokuba uMaDosini ambuze imibuzo umfundisi. (2)

6.2.6 Siwuphuhlisa njani umxholwana wokunyhashwa kwamalungelo abantu esi sicatshulwa? (2)

6.2.7 Ngqina ngeengongoma eziMBINI ukuba uMaDosini ebekwamkele ukwahluka konyana wakhe kwamanye amakhwenkwe ngokwesimo. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

6.2.8 Cacisa indlela amphatha kakubi ngayo uMntuyedwa amakhwenkwe asesiKhobeni. (2)

6.2.9 Ncoma okanye ugxeke isiphelo seli bali, unike nesizathu sempendulo yakho. (2)

**AMANQAKU ECANDELO C: 35**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO D: ISIHOBE

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kule mihobe ilandelayo:

- 'Ubudala' nguS Maputi
- 'Imbongi' nguKN Manciya

Phendula YONKE imibuzo ekwimibongo oyifundileyo.

**UMBUZO 7: *IVAMNA BAFAZI BOLUSU* – S Maputi nabanye**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule mihobe uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuyo yomiBINi imibongo oyifundileyo, oko kukuthi UMBUZO 7.1 noMBUZO 7.2.

7.1 Funda lo mbongo ulandelayo uze uphendule imibuzo.

**UBUDALA – S Maputi**

Yingqokelela yeminyaka.
O**bu**nga**bu**niyo u**bu**nkcuba-**bu**chopho <u>**bu**yakayaka</u>,
Iintlungu, amaqhwa, neenyakanyaka,
Amava, indyebo nemixhaka,
Awe obhetyebhetye ngobuthathaka,
Kobu bom athi ukubetheka,
Imibimbi ingasafihleki ithe qhaka,
Lutshaze unwele ludlakadlaka,
Chu njengelanga esibhakabhakeni,
Iindlela zonke zikhombe engcwabeni,
Entshulile amava ekhonjwa empandleni,
Bekhweba behewula enyangweni,
Isizukulwana siza kushiywa enyanyeni,
Ngexesha elililo ubudala busedlakeni.

7.1.1 Xela isixhobo sesandi esibhalwe ngqindilili kumqolo wesi-2 kulo mbongo. (1)

7.1.2 Lizisa wuphi umfanekiso-ngqondweni igama, '… buyakayaka' elikrwelelwe umgca ngaphantsi kumqolo wesi-2? (1)

7.1.3 Nika umfanekiso-ntelekelelo oziswa ngumqolo wesi-7. (2)

7.1.4 (a) Ludidi luni lwesafobe esifumaneka kumqolo we-9? (1)

(b) Usixelela ntoni lo mqolo we-9 ngobudala? (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

7.1.5 Liphuhlisa ntoni igama, 'zonke' ngokomqolo we-10? (2)

7.1.6 Nika intsingiselo yegama, 'empandleni' elikumqolo we-11. (1)

7.1.7 Nika imvano-siphelo ye-Okhthevu kunye neyeSestethi yalo mbongo. (2)

7.1.8 Uzisa luphi uvakalelo umqolo we-13? Xhasa impendulo yakho. (2)

7.1.9 Unjani umoya otyalwa yimbongi kwisestethi? Xhasa impendulo yakho. (2)

7.1.10 Ingaba imbongi ibuchaze ngokufanelekileyo ubudala kulo mbongo? Xhasa impendulo yakho. (2)

**KUNYE**

7.2 Funda lo mbongo ulandelayo uze uphendule imibuzo.

**IMBONGI – KN Manciya**

Nguchul'ukunyathel'ingcibi yezibongo;
Lichabasa lechebesh'elichas'amachelesi;
Yinkcambi yolwimi ichanasa lokucukuceza.
Kroti lakwabani ngqanga yamazwi!

Khonkco lomzi nesizwe samathongo;
Akusiloqi nasiwanqi salopholopholo;
Yinjinga engaqhayisi ngazincwadi zamlungu;
Izigasa ngezisongelo zolwimi oluncuthu mazangwa.

Yingcungcu ongeyivali mlomo,
Kub'imiqobo ayibekelwa mbongi;
Ngumavula-kuvaliwe isinyikitha sesazi
Seemfihlo zelizwe elizayo kwisizwe samaThongo.

Ezakh'iziqamangelo zikwilizwe elingaphaya kwefihlo.
Wolondl'itshoba lakhe umfo wasemzini,
Nqwa neletola int'eman'ukutywas'ihlasimla;
Ihlokohlwa ngamahlwantsi elizwe lasekupheleni.

Yingqitsimakhw'engaphahluki njengathumba.
Yipikoko ekucondob'akutsal'injezu;
Yintambanana ukuvotyozel'ityityimba;
Ngudokolwan'ukuwaganga amantyontyelo.

Ngujobela ukuthand'ezizezakhe iihombo neehombile.
Yingcibi nencacholo yezivatho;
Ibhinqel'amawatsha, izikhakha nesidlokolo.
Ngumvetshan'oventshuz'uvatshula.

Downloaded from Stanmorephysics.com


Zimgqaz'iimbong'aph'ezweni,
Kub'amaThong'akathongi ngamthongisayo,
Kub'iimbongi azahluke tu kooNonyanya.
Zithetha neengcathangu zaw'amaThongo.

Xa bendingayimbongi kwiimbongi zelizwe,
Bendingahlasimla ngohlwantsi lohlwahlwane;
Ndihlahlambe ndihlehlahlehla ndihlasimla
De ndididizele ndithi dabalala.

7.2.1 Ingaba imbongi iyayincoma okanye iyayigxeka imbongi kumqolo woku-1 nowesi-2? Xhasa impendulo yakho. (2)

7.2.2 Xela umsebenzi wolu phawu lobhalo (') kumqolo woku-1 nowesi-2. (2)

7.2.3 Ntsingiselo ni eziswa ligama elibhalwe ngqindilili kulo mqolo ulandelayo?

**Yinjinga** engaqhayisi ngazincwadi zamlungu. (2)

7.2.4 Nika umongo wesitanza sesi-3. (2)

7.2.5 Chaza isakhiwo sangaphandle somqolo we-14 nowe-15. (2)

7.2.6 Ngqina ngolwazi olukwisitanza sesi-4 ukuba le mbongi kuthethwa ngayo kulo mbongo yimbongi yomthonyama. (2)

7.2.7 Nika izizathu ngokwalo mbongo ezibangela ukuba imbongi isebenzise ezi zikweko zilandelayo xa ichaza imbongi.

(a) Yipikoko.

(b) Yintambanani. (2)

7.2.8 Ludidi luni lombongo olu? Xhasa impendulo yakho. (3)

**AMANQAKU ECANDELO D: 35**
**AMANQAKU EWONKE 70**

Downloaded from Stanmorephysics.com


## ISIKHOKELO SOKUMAKISHA

1. Umfundi akavumelekanga ukuphendula ngaphezu kombuzo omnye kwijenra enye.

2. Ukuba umfundi unike iimpendulo ezimbini apho le yokuqala ingamkelekanga, ize le yesibini ibe yeyamkelekileyo, makisha le yokuqala **ungayihoyi** le yesibini nokuba yiyo ayiphendule kakuhle.

3. Ukuba imibuzo inonjolwe ngendlela engeyiyo, makisha ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwimemo.

4. Ukuba impazamo yopelo inika ntsingiselo yimbi kule ibilindelwe, musa ukunika inqaku kuloo mpendulo. Ukuba ayiyichaphazeli intsingiselo, nika inqaku ngokufanelekileyo.

5. Ukuba umfundi akazisebenzisanga iimpawu zocaphulo apho ayalelwe ukuba acaphule, **makangohlwaywa**.

6. **Kwimibuzo evulelekileyo**, akukho manqaku anikwa uEWE/HAYI okanye u-NDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI. Isizathu/Ukuxhasa/Ukungqina yeyona nto mayinikwe ingqalelo.

7. Akukho manqaku aya kwabelwa uYINYANI/ASIYONYANI okanye LULUVO/YINYANI. Isizathu/Ukuxhasa/Ukungqina yeyona nto mayinikwe ingqalelo.

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO A: INOVELI

## UMBUZO 1: *KUSA KUSIHLWA* – KS Bongela

### ISICATSHULWA A

1.1 1.1.1 Kukuthetha kukaNomakhwezi oku komntu ongqondo ithiwe lwale lilifu lobudenge.√
Kukudibanisa kukaNomakhwezi izinto ezingadibaniyo.√ (2)

1.1.2 ULungile ngumyeni kaNomakhwezi√/ uLungile yindoda kaNomakhwezi√/ uNomakhwezi yinkosikazi kaLungile√/ batshatile.√ (1)

1.1.3 Kukuba uNomakhwezi akabhadlanga kwaye akayazi into ayithethayo.√√ (2)

1.1.4 Uyacaphuka√/unomsindo√/udikiwe√ kuba uthi umenza isidenge kwaye umamela iingcebiso kooNonkazimlo abathi makangamfuni yena kunye nabantu bakokwabo√/kuba uthi sekucacile ukuba akasengomfazi phaya kwela khaya√/kuba uthi sebekho abo uLungile sebathembise ngokuba yena akaseyonto kulaa mzi√/ kuba uthi uLungile into makayixoxe naye kuqala ayeke ukufika semnika imiyalelo ngathi uyintombi yakhe.√ (2)

1.1.5 ...uzobo ngqo.√ (1)

1.1.6 Ithetha ukuthi uLungile uva ngabanye abantu√√/uxelelwa ngabanye abantu into amakayenze√√/uxhotyiswa ngabanye abantu.√√ (2)

1.1.7 Kube nesiphumo sokuba uMpumelelo abe liphakuphaku elingade lizinze engqondweni√√/sokuba asoloko esenza isimbonono sesikhalo ngakumbi ebusuku xa elele√√/sokuba angamelani nengxolo, athi ukuba uthe wakhwazwa oyike aduduzele√√ aphaphazele angabikho zingqondweni xa ebona umlilo de akhale akhwaze umama notata wakhe.√√ (2)

1.1.8 Kukuxabanisa uLungile noNomakhwezi ngokuthuthela uNomakhwezi iindaba zobuxoki ngoLungile.√
Kukuzama ukutshisa ivenkile yakwaNtsibande.√
Kukuzama ukubulala uMpumelelo ngokumthengela ootsotsi.√
Kukuxokisa uNomakhwezi ngelithi abahlali bathi ivenkile yakwaNtsibande idulu kakhulu.√
Ngokuthi athi kubahlali ooNomakhwezi bathengisa iimpahla zomgunyathi.√
[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com


1.1.9 NguMpumelelo√/nguNozililo√/nguLungile√/nguNomakhwezi.√
[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

1.1.10 Ngowokuba abantu mabangenzi okubi kwabanye abantu kuba oko kuya kubuya kubajikele√√/bazi ukuba iziphumo zezenzo ezibi umntu azenza kwabanye abantu zingakukufa kuye√√/umntu makangayinyolukeli into engeyoyakhe kuba oko kungamfaka engozini.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA B**

1.2 1.2.1 Liqhubeka emzini kaLungile√/kwaLungile noNomakhwezi√/ kwaNtsibande√/kwikhaya likaMpumelelo.√ (1)

1.2.2 Kukutyoboza imoto yomsebenzi kaLungile√√/kukubetha imoto yomsebenzi kaLungile ngamatye.√√ (2)

1.2.3 UYolisa wayemthethisile uNomakhwezi mhla uNomakhwezi wayebonakalise ubukrwada kuba wayeve ukuba uLungile uhlala ezihotele noMebhelina.√
Wamnqanda uNomakhwezi xa wayefuna ukuthatha imoto aye e-ofisini kaLungile ayokumxoxisa ngeendaba azive ngoNozililo.√
Wamxelela ukuba indlela athetha ngayo noLungile iza kumphelelisa ngomendo.√
Wamxelela ukuba akangomntu wokuqala ukwenda nofumana iinzima.√
[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

1.2.4 Yinyani, kuba ngethuba edibana noLungile wayengumongikazi *eKing Edward*.√√ (2)

1.2.5 Yeyokuba uZet ongumfana othandana noLizzie axabane noMpumelelo ezenza okhweletayo ukuze abulale uMpumelelo√√/ yeyokuncedisa uZet othengwe nguNozililo kwiyelenqe lokubulala uMpumelelo√√/yeyokuba uZet ahluthe uLizzie kuMpumelelo ze baxabane uZet ahlabe uMpumelelo.√√ (2)

1.2.6 Ngokuthi uYolisa ongudadobawo kaNomakhwezi akhalimele uNomakhwezi ngokuphatha kwakhe kakubi uLungile angathathi cala likaNomakhwezi kuba ezalana naye.√√ (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com


1.2.7 UYolisa ibe nguye ohla enyuka ethathe indawo yobuzali enceda uMpumelelo kwiingxaki ezimalunga nemfundo yakhe.√
UYolisa uthathe uxanduva lokubhalela intsumpa yesikolo sikaMpumelelo eyinika ingxelo ngobomi bukaMpumelelo ukuze iyithumele esibhedlele eGcuwa njengoko yayifunwa khona ukuze kuqondwe ingxaki yesigulo sikaMpumelelo.√

NguYolisa owakhawuleza wagqugula namaJwarha ecela ukuba uMpumelelo aqale aye ekhaya akuphuma esibhedlele ukwenzela ukuba axhelelwe.√
[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

1.2.8 UMpumelelo uthe akuphumelela izifundo zakhe zobugqirha wakhetha ukuya kusebenza eLusikisiki apho afike wandisa isibhedlele, wakha nekliniki batsho abantu bakufutshane namaziko empilo√√/ngexesha asebenza eLusikisiki ukhuthaze ukuvulwa kwekwayala yabantu abadala wemisa neekwayala zecawa√√/uyile umbutho womdlalo wamanqindi, owejudo nowekarati.√√ (2)

1.2.9 Ndiyasincoma isiphelo sale noveli√, kuba sibonisa ukuphumelela kukaMpumelelo emva kwamahlandinyuka agqithe kuwo ebomini.√

Okanye

Ndiyasigxeka isiphelo sale noveli√, kuba iphela uNozililo ebhubhile, engayibonanga yonke impumelelo nemisebenzi emihle kaMpumelelo neyomzi wakwaNtsibande awayefuna ukuwutshabalalisa.√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
**[35]**

## UMBUZO 2: *UMQOL'UPHANDLE* – MAP Ngani

### ISICATSHULWA C

2.1 2.1.1 NguLinda Monti√ noHlobo.√ (2)

2.1.2 Lo mfana uqeshwe nguLinda√/usebenza emzini kaLinda.√ (1)

2.1.3 Kukufumanisa ukuba qho ehamba kule ndlu kaLinda, umfana uyamlandela, akuma nomfana eme√√/kukufumanisa ukuba lo mfana ulandelana naye.√√ (2)

2.1.4 Udikiwe√/uyacaphuka√/unomsindo√ kuba ude asebenzisa amazwi athi; 'Nango umnxeba phambi kwakho kudala undifundekela ngawo.'√/usebenzisa amazwi athi 'Uzuthiy' inja yakho, bawo.' √/ kuba ujonge uHlobo ngamehlo amabi√/ubetha uHlobo ngentsimbi.√ (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com


2.1.5 …uzobo ngqo.√ (1)

2.1.6 Ukuba akazuphinda athethe nalo mfana emva koku√√/ukuba akazuyiphinda le nto ayithethayo kulo mfana.√√ (2)

2.1.7 Kube nesiphumo sokuba uHlobo amrhanele ngakumbi uLinda njengombulali kaEddie noLulama√√/ sokuba uHlobo aqiniseke

ukuba nguLinda obulele uEddie noLulama.√√ (2)

2.1.8 Yileta uLinda awayibhalela uEddie phambi kokufa kukaEddie noLulama.√
Yivolovolo kaLinda eyi.38 automatic efana naleyo kwafunyanwa imbumbulu yayo kukakayi lukaEddie.√
Ngamavili azi-*Roadmasters* awasebenzisayo uLinda emizila yawo yabonwa kwindawo ekwafunyanwa kuyo uEddie noLulama beswelekile.√
Yidyasi efana nekaLinda eyayinxitywe linenekazi elabonwa e*cinema* ngomhla wokubulawa kuka Eddie noLulama.√
[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

2.1.9 NguLinda Monti√/ nguHlobo√/ngamalungu ase*Moonglow Night Club.*√
[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

2.1.10 Ngowokuba abantu mabalumkele ukwenza izenzo zobubi ngethemba lokuzifihla kuba akukho nto ifihlakala kuphele√√/ ngowokulumkela ukuzibandakanya kwizenzo zolwaphulo-mthetho kuba usenokuphela ubanjwa, ugwetywe ngumthetho.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA D**

2.2 2.2.1 Liqhubeka enkundleni yamatyala eMonti.√ (1)

2.2.2 Kungokuba yayingesosiqhelo ukuba amatyala aqale ngentsimbi yethoba isekhona eyeshumi√√/ ityala liqale phambi kwexesha nto leyo yayingaqhelekanga.√√ (2)

2.2.3 Wayengazi ukuba loo bhatyi imenza abe ngumrhanelwa kuphando lukaHlobo lokufa kukaEddie noLulama.√
ULinda wayengazi ukuba ayinguye yedwa onala bhatyi, likho nelinye inenekazi lesibini elayithengayo e*Femina House*.√ (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

2.2.4 Asiyonyani kuba uEddie ude wasweleka esamngejile uLinda√√/ kuba uEddie usweleke esamthembise ngomtshato uLinda.√√ (2)

2.2.5 Yeyokuba kuphinde kucweywe obunye ubungqina kumangqina.√√ (2)

2.2.6 Ngokuthi amalungu ase*Moonglow Night Club* angabahlobo bakaEddie ibe ngawo abulala uEddie.√√ (2)

2.2.7 UHlobo wafumana kuwo ulwazi lokuba uEddie unomatshini oyi*Tape* Recorder eselugcinweni ekuthe kanti uEddie washicilela kuyo ingxoxo yakhe namalungu ase*Moonglow Night Club* eyaphela emsongela kuba esala ukuba kuthengiswe intsangu.√
Weva kuloo myolelo kaEddie ukuba nguLinda onolwazi lwendawo ekuyo loo *Tape Recorder*.√ (2)

2.2.8 Amalungu ase*Moonglow* athe kuba enikwe ilungelo lokuthengisa utywala kulo mbutho asebenzisa elo thuba ukwaphula umthetho ngokuthengisa intsangu ngendlela efihlakeleyo.√√ (2)

2.2.9 Ndiyasincoma isiphelo sale noveli√, kuba iphela sikubonile ukuphumelela komthetho kuba abenzi bobubi babanjiwe bagwetywa√/kuba abona babulali bakaEddie noLulama baye bavela, bagwetywa wakhululeka uLinda kwisityholo ebebekwa sona.√

Okanye

Ndiyasigxeka isiphelo sale noveli√ kuba iphela ingavezanga ukuba kwenzeke ntoni kuLinda Monti akuba efunyaniswe engenalo ityala√/ kuba akuvezwanga ukuba kuye kwenzeka ntoni ngombutho *iMoonglow Night Club*.√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
**[35]**

**UMBUZO 3: *UMONWABISI* – ZA Japhta**

**ISICATSHULWA E**

3.1 3.1.1 Kukuya kucelelwa uxolo esikolweni.√
Kukuya kucelelwa indawo eNgcolosi ukuze ikwazi ukubhala iimviwo loo nyaka ungahambi nje.√ (2)

3.1.2 UMamTolo ngumama kaNobuntu√/uNobuntu ngumntwana kaMamTolo√/uNobuntu uyintombi kaMamTolo.√ (1)

3.1.3 Kukuba uMamTolo wayengawahoyanga amashishini, ewayekele kubasebenzi√√/kukuba abasebenzi bafumana ikroba lokuba imali yawo√√/ uThandabantu ebekhe akabikho ngokwekhaya ithuba elininzi kusele uMamTolo.√√ (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com


3.1.4 Wayekhathazekile√/ wayebuhlungu√ kuba amantombazana akhe amphoxile ngendlela embi athe aziphatha ngayo eMthatha.√ (2)

3.1.5 Uzobo ngqo.√ (1)

3.1.6 Ukuba ingqeqesho yabazali ebantwaneni ayifani√√/ukuba abazali bayahluka ngendlela yokuqeqesha abantwana.√√ (2)

3.1.7 Kube nesiphumo sokuba naye aphele esela utywala.√√ (2)

3.1.8 Kukwakha isakhiwo sokukhonzela.√
Kukuthengela abantwana belali impahla yokudlala ibhola.√
Kukuthenga amabhaso okuxhasa amaqela ebhola xa enokhuphiswano.√
Kukuxhobisa ooSomashishini ngolwazi
Kukufumanela ooSomashishini inkxaso-mali.√
Kukufumanela ulutsha inkxaso-mali yokufunda.√
[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

3.1.9 NguThandabantu√/nguMonwabisi√/ nguMamTolo.√
[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

3.1.10 Ngowokuba abazali mababaxhobise abantwana ngolwazi oluza kubenza bamelane neemeko ezahlukileyo ebomini kwaye bangalukuhleki balinganise abahlobo√√/ngowokuba abazali bangabafekethisi abantwana koko babathande ngendlela ebakhayo nebalungiselela ingomso√√/ngowokuba ingqeqesho ebantwaneni ayikokubalungisa ngokwenkangeleko yangaphandle koko kukulungisa izimilo zabo√√/ abazali bafundise abantwana ukuba isenzo ngasinye ebomini sineziphumo ngoko ke kufuneka bathathe izigqibo ezifanelekileyo√√/ ngowokuba abazali mabangabajongeli phantsi abantwana babanye abantu kuba abasazi isiphelo sababo abantwana.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA F**

3.2 3.2.1 Liqhubeka esibhedlele.√ (1)

3.2.2 Lelokuba izakhiwo zikaThandabantu mazidilizwe ukuze zakhiwe ngokutsha ze kuqeshiswe ngazo koosomashishini bakuTsolo.√√ (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

3.2.3 UMonwabisi uluthathele kuye uxanduva lokushiyeka nevenkile yaseNtshiqo ngethuba uThandabantu nosapho lwakhe befudukele edolophini kuTsolo.√
Uvuse itrektara kaThandabantu eyayisele imoshakele waza walimela abantu ngayo esenza indlela yokuziphilisa.√
NguMonwabisi obenoxanduva lokujonga iqaqobana labasebenzi ababeshiyekile ngethuba ooThandabantu babefudukele edolophini kuTsolo.√
UMonwabisi unikwe uxanduva lokuhoya amashishini kaThandabantu ngenxa yokuba uThandabantu ebesele emdala, cebo elo lize noMamTolo.√
[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

3.2.4 Asiyonyani, kuba uMonwabisi ngumntwana kaMaRhadebe owayefike kwaMamTolo ngokuphambukela waza wasweleka, washiyeka uMonwabisi ekhuliswa nguMamTolo noThandabantu.√√ (2)

3.2.5 Yeyokuba uMonwabisi aqonde ubungakanani bomsebenzi oza kuba semagxeni akhe xa enikwe ulawulo lwamashishini kaThandabantu√√/ yeyokuba aqinisekise ukuba uMonwabisi ayimngeni entloko kakubi into yokunikwa ilungelo elingako lokulawula amashishini kaThandabantu√√/ yeyokuba aqiniseke ukuba uMonwabisi entliziyweni yakhe akacingi ngakufuna ikhaya lakhe abashiye abakwaSihlunu esimka nelifa labo.√√ (2)

3.2.6 Ngokuthi uMonwabisi ongenguye umntwana wesizalo sikaThandabantu alungiselelwe ukunikwa igunya lokulawula amashishini kaThandabantu ngenxa yokuzibonakalisa kwakhe ukuba ungumntu okwaziyo ukuthatha uxanduva kwimiba ejongene nosapho lwakwaThandabantu.√√ (2)

3.2.7 UThandabantu nguye obeqinisekisa ukuba abantwana besikolo saseNtshiqo banxiba impahla yesikolo eyiyo, bafika ngexesha esikolweni, bayawenza umsebenzi wesikolo, bathabatha inxaxheba ngokuzimisela kwizinto zonke zesikolo.√
Nguye owayeqinisekisa ukuba amatshivela akafumani ndawo yakugoxa kuba wayewavumbulula ankcunkce ukuya esikolweni.√
Ngeemini zemidlalo wayebakhaphela ngezipho zomphako abantwana besikolo.√
Wayezixhasa iititshala engajonganga mvelaphi yazo njengabanye abazali.√
[Nasiphi isibini kwezi] (2)

3.2.8 Ngokuthi asebenzise isikhundla sakhe sokuba nguSihlalo wombutho woosomashishini ehambela iindawo ngeendawo ezuza amava aza kuba luncedo kwabo somashishini basakhulayo.√√/ ngenxa yakhe imibutho yezizwe yatsho yagalela kanobom imali kumbutho wabo owawusekwizinga lamashishini asakhulayo.√√ (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com


3.2.9 Ndiyasincoma isiphelo sale noveli√, kuba iphela sibonile ukuba ubuntu bukaThandabantu bokukhulisa ngothando umntwana ongengowakhe kube lithamsanqa kwakuye√/kuba uMonwabisi uphele elilungu lolu sapho kwaye wamanya nosapho lwakwaSihlunu√/kuba uMamTolo uphele eguquka kwisimo sakhe emthatha uMonwabisi njengomntwana wakhe, ngoko ke efunde isifundo sokungabacaluli abantwana.√

Okanye

Ndiyasigxeka isiphelo sale noveli kuba iphela singambonanga uMonwabisi ezimele umzi wakhe, efundisa abantwana bakhe ngemvelaphi yakhe√√/kuba iphela engavezwanga uMonwabisi ezimele, ephumelele, phakathi kwabantu baseNtshiqo abalaziyo ibali lobomi bakhe.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 35**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ICANDELO B: IDRAMA**

**UMBUZO 4: *NDIYEKENI* – DM Jongilanga**

**ISICATSHULWA G**

4.1 4.1.1 Yintshukumo yabalinganiswa.√
Ngabalinganiswa abaza kuthatha inxaxheba kulo mboniso.√ (2)

4.1.2 Kukuba uMadala ungusihlalo wekomiti abakuyo yesikolo iNobutho√/bangamalungu ekomiti yesikolo saseNobutho angusihlalo wayo.√ (1)

4.1.3 Ngowokufika kwabahloli uMawonga enxilile esikolweni ngoMvulo odlulileyo.√√ (2)

4.1.4 Udikiwe√ kuba uthi akayazi into abayibizelweyo xa umcimbi ungasengowabo ungokarhulumente.√ (2)

4.1.5 Uzobo ngqo.√ (1)

4.1.6 Ithetha ukuba amalungu entlanganiso angxame kakhulu akakwazi ukuzibamba.√√ (2)

4.1.7 Kube nesiphumo sokuba batyholwe ngokubulala uMawonga abangambulalanga de bagwetywe ishumi leminyaka.√√ (2)

4.1.8 Kukuthuma abantwana besikolo utywala esirhoxweni ngexesha lokufunda.√
Kukusela utywala anxile emsebenzini.√ (2)

4.1.9 NguMawonga Loni√/ nguDickson Ndila√/nguSammy Maziko.√
[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

4.1.10 Ngowokuba abantu mabakulumkele ukungakwazi ukuzeyisa nokungeva kunqandwa kuba oko kungabakhokelela ekufeni√√/ ngowokuba bazi abantu ukuba isiwo nokufa komntu kungeza ngento ayithandayo.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com



**ISICATSHULWA H**

4.2 4.2.1 Bathetha besendlwini kaFuneka√/ bekwaFuneka√/bekwaN.U. 3 Mdantsane.√ (1)

4.2.2 Yeyokumtyela imali yakhe ngamaqhinga√√/yeyokumlahla emva kokuba etye imali yakhe.√√ (2)

4.2.3 Wanika uZanele idiphozithi eyimali yokuzithengela ifenitshala.√
UMawonga usoloko ebathengela utywala ooZanele xa ekwaFuneka.√ (2)

4.2.4 Yinyani kuba nguye owaxelela uMawonga ukuba uNdila uthuma abantwana utywala ngexesha lesikolo kwaye unxila esikolweni, waze wathi uNdila akugxothwa wathi makaziphindezele kuMawonga.√√ (2)

4.2.5 ...yeyomlinganiswa oyedwa√
…abekho abanye.√ (2)

4.2.6 Ngokuthi uZanele athandane noMawonga ngeenjongo zokumtyela imali ngamaqhinga ze athi akumqongqotha amlahle ashiyeke uMawonga ekhathazekile de abe uzibulalela endlwini kaFuneka.√√ (2)

4.2.7 Uthe akubona ukuba uMawonga unengxaki yokunxila wambizela umama nomntakwabo ukuba bazame ukuthetha naye atshintshe.√
Akakhange amshiye akuphalala, egxothwe nasemsebenzini.√ (2)

4.2.8 Ucele uFuneka njengesithandwa sakhe ukuba amncedise ukuloba uMawonga bamfake kumgibe wotywala ngaloo ndlela abe uziphindezele kuye.√√ (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com


4.2.9 Ndiyasigxeka isiphelo sale drama√, kuba uMawonga uphela naye elixhoba lale mpindezelo ekubeni wayengenzanga nto imbi ngokugxothisa uNdila, owayezakonakalisa abantwana besikolo ngokunxila phambi kwabo de abathume etywaleni.√

Okanye

Ndiyasincoma isiphelo sale drama√, kuba sibonisa ukuba isabatha osibekela omnye umntu sibambisa kwawena.√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**UMBUZO 5: *INZALA YAMARHAMBA* – M Mlokothi**

**ISICATSHULWA I**

5.1 5.1.1 Lixesha/lusuku ekuqhubeka ngalo ingxoxo.√
Yindawo ekuqhubeka kuyo ingxoxo.√
Ngamagama abalinganiswa abaza kuthatha inxaxheba kulo mboniso.√
[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

5.1.2 Kukuba uThambolenyoka ungumqeshi wabo√/bangabasebenzi bakwaThambolenyoka.√ (1)

5.1.3 Luhambo lwabo lokukhangela abantwana abangamantombazana ababalobela kwaThambolenyoka.√√ (2)

5.1.4 Uyamcaphukela√ kuba uthi xa athetha ngoThambolenyoka usisingcoli esatyhefeka kudala√/ ude athi ulilonyo-lonyo lelwabi lendoda√/ kuba ude amfungele ngelithi, 'useza kumhlabela u-elandincamisayo ngenye imini.'√ (2)

5.1.5 Uzobo ngqo.√ (1)

5.1.6 Ithetha ukuba bonke bephaya nje babengamaxhoba okuxhatshazwa nguThambolenyoka ngokulala nabo abatyise neziyobisi√√/ukuba banamava ngayo yonke into uDina afunelwa yona nguThambolenyoka.√√ (2)

5.1.7 Kube nesiphumo sokuba uDina abe lixhoba leziyobisi de kunyanzeleke ukuba ayokufunxwa intshongo yazo kuba sezimngene egazini√√/ sokuba axhatshazwe ngokwesondo nguNyoka de amthengisise nomzimba kubatyeleli engazi√√/ sesokuba akhulelwe.√√ (2)

5.1.8 Wathi uDina uza kuba ngumncedisi kuyo yonke nje into ehotele.√
Uza kuhoya abatyeleli basehotele abagcine bonwabile.√
Uza kuba ngomnye wabathengisi abaphambili.√
Uza kwenza umsebenzi wokuweyitala.√
[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

5.1.9 NguThambolenyoka√/ nguDina√/nguNoyongo.√
[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

5.1.10 Ngowokuba umntu makakulumkele ukwenza izenzo zolwaphulo-mthetho kuba iziphumo zoko kukugwetywa√√/ngowokuba abantu mabayeke ukwenza izenzo zenkohlakalo nobugewu kuba zinesiphelo esibi√√/abantu mabalumkele ukunyolukela ubutyebi obuza ngeendlela ezimbi kuba oko kuba nesiphelo esibi√√/ ngowokuba abantu abenza ububi nenkohlakalo bazi ukuba abazukusoloko besinda.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ISICATSHULWA J**

5.2 5.2.1 Liqhubeka kwaNcaphayi√/emzini kaMaTshezi noNcaphayi√/ kulo Dina√/kuloZanoxolo√/ kuloBantubomzi√/ kuNtomboxolo√ (1)

5.2.2 Kukuhamba kukaDina aye kusebenzela uThambolenyoka√√/ kukungabi ngumzekelo nenkuthazo kubantakwabo√√/kukuthoba isidima sekhaya lakhe√√/ kukwenza ikhaya lakhe ukuba libe sisigculelo nentlekisa√√/ kukungaphulaphuli abazali bakhe.√√ (2)

5.2.3 UDina uxhatshazwe ngokwesondo nguThambolenyoka.√
Uthengisiswe umzimba kubatyeleli behotele kaThambolenyoka.√
UDina utyiswe iziyobisi wade waxhomekeka kuzo.√
Uye wakhulelwa ngenxa kaThambolenyoka obelala naye de amenze athengise ngomzimba.√
[Nasiphi isibini kwesi.] (2)

5.2.4 Asiyonyani kuba mnye umntwana ekunokude kuthiwe ngokaThambolenyoka kubantwana ababini bakaDina, lo wesibini ngokaPhasta wecawa awayehamba kuyo.√√ (2)

5.2.5 ...yeyomlinganiswa omnye.√
…bakhona abanye.√ (2)

5.2.6 Ngokuthi uMaTshezi noNcaphayi njengabazali babuye bamamkele uDina bamnike indlebe azityande igila kubo√√/ uMaTshezi avule indlela yokuba uDina amanyelwe ngutata wakhe othe naye wamxolela√√/ngokuthi abazali bakaDina babonakalise ukuvelana nomntwana wabo uDina, bangamgwebi ngezenzo zakhe.√√ (2)

5.2.7 Amagqwetha kaThambolenyoka ebempheka emophula ngemibuzo enkundleni umntu omangalele uThambolenyoka amenze abonakale njengexoki elingcolisa igama likaSomashishini odumileyo.√
Amagqwetha kaThambolenyoka ebede afune ukumtshutshisa ngokwawo umntu omangalele uThambolenyoka.√
Ebeneengqwayingqwayi zamagqwetha ebethi amkhulule kwangoko kwakuduka amangqina.√
[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

5.2.8 Ngokwembonakalo ebeliqhuba libe lishishini eliyihotele esemthethweni, eyamkela abatyeleli kanti kwalapha kulo ukwaqhuba ishishini elingekho-mthethweni lokuthengisisa amantombazana imizimba nokuwatyisa iziyobisi.√√ (2)

5.2.9 Ndiyasincoma isiphelo sale drama√, kuba iphela sibonile ukuba ulwaphulo-mthetho aluhlawuli kuba uThambolenyoka uye wagwetywa√/ kuba abantu abebengamaxhoba ibe ngabo abakhokelele ekubanjweni komenzi wobubi, abaphelela ebubini√/ kuba ubukumkani bukaThambolenyoka bubhangile umnqweno kaDina ufezekile√/ kuba ubukumkani bukaThambolenyoka bubhangile wabe uyafezeka umnqweno kaDina.√

Downloaded from Stanmorephysics.com


Okanye

Ndiyasigxeka isiphelo sale drama√, kuba asisibonisi okuthe kwaqhubeka kwihotele kaThambolenyoka akuba yena egwetyiwe√/ kuba ayisivezeli ukuba abasebenzi bakaThambolenyoka baphelele phi emva kokuba uThambolenyoka egwetyiwe.√ (2)

**[35]**

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.]

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

### UMBUZO 6: NDAKUYICELA IVUTHIWE – LL Ngewu & EZ Guqa

6.1 **ISICATSHULWA K: 'IKHIKHIZELA LASEDANGWANA' – LL Ngewu**

6.1.1 Kukuvuka aqhawule atshone edolophini.√
Kukunxila.√ (2)

6.1.2 UFanabekho ngunyana kaFikizolo√/uFikizolo ngutata kaFanabekho√/uFanabekho ngumntwana kaFikizolo.√ (1)

6.1.3 Akukho nto ebe luncedo ngayo ekhayeni lakhe, elalini yakhe, edolophini yakhe, nakwisiqu sakhe.√√ (2)

6.1.4 Udikiwe√/ukhathazekile√/unomsindo√ kuba uhambe wahamba wadinwa kukumondla nokumhlambela abe engekho ntweni√/kuba uthi iyamkhathaza into yokuba athi ekho uFanabekho abe ngathi akakho√/kuba ude azisole athi akazelanga kule nkewu√/kuba uthi ngekubhetele ukuba ebeyinja yela khaya kuba ebeza kumphakela esazi ukuba uza kukhonkotha√/ude athi akamfuzanga uyise√/ kuba uthi ungumququ ophetshethwa ngumoya.√ (2)

6.1.5 Uzobo mayana.√ (1)

6.1.6 Ukuba ubukho bukaFanabekho abuloncedo, ufana nje nongekhoyo ngoku akhoyo.√√ (2)

6.1.7 Kube nesiphumo sokuba aphele engafundanga.√√ (2)

6.1.8 Uthi wabhujelwe ngabakhwetha ebebolusile njengengcibi.√
Uthi abazali babakhwetha ababhubhileyo bafuna ukumbulala.√ (2)

6.1.9 NguMaKheswa.√
NguFanabekho.√ (2)

6.1.10 Ngowokuba uluntu malwazi ukuba umntwana uyakwazi ukuphuma ecaleni angafani nabazali bakhe ngesimo nangezenzo√√/ umntwana uyakwazi ukungabiyiyo le nto abazali bayiyo ngokwesimo nokuziphatha.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com

6.2 **ISICATSHULWA L: '*KANTI ANDIZENZANGA*' – EZ Guqa**

6.2.1 Liqhubeka kwaMaDam nakwamfundisi.√ (1)

6.2.2 Kukuba unyana wakhe wagxothwa esikolweni egxothelwa ukuba kusithiwa abantwana bangalandela umkhuba wakhe wokuzenza umfazi kwakhona, amadoda asesikhobeni amgxothela eso sizathu.√√ (2)

6.2.3 UMntuyedwa wangefunwa ngabazali besithi uza kosulela abantwana babo ngemikhuba yakhe.√
Wabizelwa embizweni ngamadoda elali emxelela ukuba makahlukane nezimbo zobufazi.√ (2)

6.2.4 Yinyani kuba waya kwamfundisi eyokuphalaza imbilini yakhe ngokugxothwa konyana wakhe kuloo lali√√/ kuba waphuma apho kwamfundisi ekhubekile ede ezisola ngokuya kufuna uncedo kuye xa kucaca ukuba kuthe kanti naye akohlukanga kubantu abangenwe lulwamvila lwentiyo kubantu abanesimo esahlukileyo.√√ (2)

6.2.5 Yeyokufuna ukwazi ukuba umfundisi uyasixhasa na isigwebo samadoda elali√√/ yeyokufuna ukuqonda ukuba ingaba naye umfundisi uyamgweba na unyana wakhe.√√ (2)

6.2.6 Ngokuthi kungabikho namnye umntu okuchasayo ukucalulwa kukaMntuyedwa eSikhobeni, nkqu nomfundisi, asuke azibandakanye nesigqibo samadoda esebenzisa ibhayibhile ngelithi uMntuyedwa ugwetywa yiyo√√/ ngokuthi kuxoxwe de kuthathwe isigqibo ngoMntuyedwa engabandakanywanga uMaDosini ongunina kaMntuyedwa kuba engumhlolokazi engeyiyo indoda kwaye engenandoda.√√ (2)

6.2.7 UMaDosini ebemxhasa unyana wakhe xa elilela kuye ngenxa yempatho embi ebeyifumana ebantwini baseSikhobeni.√
Ebemthethelela ngelithi udaliwe akazenzanga ukuba athi eyinkwenkwe kodwa abenezimbo zabantu ababhinqileyo.√
Ebesoloko elungele ukusombulula nasiphi na isishiqi unyana wakhe asibona njengento engxamel' ukumxaka.√
UMaDosini ibingamhluphi into yokuqhwalela kobukhwenkwe kunyana wakhe koko ebekuvuyela ukuthanda kwakhe imisebenzi yasendlwini.√
[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

6.2.8 Ambizela embizweni yawo emnyanzela ukuba makanganqabi kwiimbizo zamakhwenkwe√√/kwade kwakho inkwenkwe emtyityimbisela umnwe ifuna ukumbetha xa ewacacisela ukuba kukuthanda kwakhe ukuzibandakanya namantombazana.√√ (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com


6.2.9 Ndiyasigxeka isiphelo seli bali, kuba liphela uMntuyedwa efumana isohlwayo sokugxothwa elalini ngento angenalulawulo kuyo nangazenzanga ngayo, kungabikho nomnye umntu omthethelelayo ekuhlaleni/ kungangeneleli nomthetho.√√

Okanye

Ndiyasincoma isiphelo seli bali, kuba uMntuyedwa uthe nangona ephatheke kakubi ngolu hlobo de abe uyagxothwa kodwa akabutshintsha ubuyena ngenxa yoxinzelelo.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

**AMANQAKU ECANDELO C: 35**

**OKANYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO D: ISIHOBE

**UMBUZO 7: *IVAMNA BAFAZI BOLUSU* – S Maputi nabanye**

7.1 **'UBUDALA' – S Maputi**

7.1.1 Yimfano-zandi.√ (1)

7.1.2 (a) Umfanekiso-ngqondweni weliso√/owokubona.√ (1)

7.1.3 Ngowesikhumba somntu esishwabene ngendlela ebonakala kakhulu necacisa ukuguga.√√ (2)

7.1.4 (a) Sisifaniso.√
(b) Ubudala buyaqhubeka ngokokuhamba kwexesha kwaye kuzingile de bufikelele esiphelweni.√√ (3)

7.1.5 Liphuhlisa ukuba konke okwenzeka ebudaleni sekukhokelela ekupheleni kobomi√√/ukuba konke okwenzeka ebudaleni bomntu kusa ekupheleni kobomi.√√ (2)

7.1.6 Yeyendawo ezikhuthuke kuyo iinwele entloko ngenxa yobudala.√ (1)

7.1.7 Eye-okhthevu: - ka.√
Eyesestethi:- ni√ (2)

7.1.8 Uvakalelo losizi√/lwenkxalabo√ kuba isizukulwana siza kulahlekelwa ngumntu omdala olulutho noyintsika kwizinto zekhaya nezentlalo.√ (2)

7.1.9 Ngowonxunguphalo√/ngowoloyiko√/ngowenkxalabo√/ ngowodandatheko√ kuba isebenzisa isigama esigxininisa ukuphela kobomi nelahleko eza nokusweleka kwabantu abadala, esisesi 'bukhomba engcwabeni, ukushiya enyanyeni, enyangweni, edlakeni'.√ (2)

7.1.10 Ibuchaze ngokufanelekileyo kuba ichaphazele ukuba buza namava alulutho, buyintsikelelo yeminyaka emininzi, yavelela neengxaki zempilo nezobomi kunye nokuba busa esiphelwe sobomi esiyilahleko kwabaseleyo.√√

Okanye

Ayibuchazanga ngokufanelekileyo kuba isigama esisebenzisileyo senza ukuba buvele njengento eyoyikisayo ubudala kwaye ubukhulu becala igxininisa ukuba buyindlela ekufutshane ekufeni.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com

7.2 **'IMBONGI' – KN Manciya**

7.2.1 Iyayincoma√ kuba ithi inguchulukunyathela√/iyingcibi yezibongo√/ lichabasa lechebesha elichasa amachelesi.√ (2)

7.2.2 Kukudala isingqi.√√ (2)

7.2.3 Yeyokuba imbongi ivelele kunabanye abantu ngolwazi nokuba ayifundanga.√√ (2)

7.2.4 Ngowokuba imbongi ivelele kwabanye abantu ngokwazi iimfihlelo zabangasekhoyo, ayithintelwa ngamiqathango kwaye ayinamida ekuthululeni udaba eluthunywe ngabaphantsi.√√ (2)

7.2.5 Umqolo we-14 unamagama ama-5.√
Umqolo we-15 unamagama ama-6.√ (2)

7.2.6 Kunjalo, kuba kuvezwa ukuba le mbongi iphatha itshoba√√/kuthiwa ilawulwa lihlombe isuke ibonge√√/ilawulwa yiminyanya√√/kuvezwa nezijekulo ezenzayo xa ibonga.√√ (2)

7.2.7 (a) Kungenxa yokuba icondoba ngendlela etsala injezu√/ iyabukeka ngenxa yezivatho zayo nendlela ehamba ngayo.√
(b) Kungenxa yendlela ewushukumisa ngayo umzimba xa ijekula√/iyatyityimba kanye njengentambanane.√ (2)

7.2.8 Ngumbongo-nkcazo√/ngumbongo ochazayo√ kuba uchaza ubuchule nezagwelo zembongi yomthonyama, ukuvelela kwayo ngolwazi, nendlela ejekula ngayo xa ibonga, iveza iimpawu nemisebenzi yeembongi zomthonyama.√√ (3)

**AMANQAKU ECANDELO D: 35**
**AMANQAKU EWONKE: 70**